

NguMongameli
Dieter F. Uchtdorf
ISekela LeSibini
kwisiMongameli SokuQala

Iintsikelelo ZaseTempileni

Ndisakhumbula ngokuya abazali bam bathatha usapho lwethu saya kwiTempile yaseSwiss eyayintsha isandula ukumiswa, eyokuqala eYurophu, ukuba sibelusapho ngonaphakade. Ndandineminyaka elishumi elinesithandathu ngoko kwaye ndingoyena umncinci kubantwana abane. Saguqa kunye esibingelelweni ukuba sitywinwe emhlabeni ngamandla obubingeleli, sinesithembiso esingummangaliso sokuba singatywinwa kunye ngonaphakade. Andisoze ndiwulibale lomzuzu umhle unobungangamsha kakhulu.

Njengenkwenkwe ndachazeka kakhulu ukuba sawela iibhoda zesizwe ukuze sitywinwe njengosapho. Kum iphawula indlela umsebenzi wetempile owela iibhoda zehlabathi ngayo ukuze izise intsikelelo zanaphakade kubo bonke abahlali bomhlaba. IiTempile zeCawa kaYesu Krestu YeNtsuku Zokugqibela ngokwenene zakhiwelwe inzuzo yehlabathi lonke, nokuba loluphi na uhlanga, isiko, okanye nokuba ngeyiphi na inkqubo yomntu yeepolitiki.

IiTempile zilingqina elingagobiyo lokuba ubulungisa buyakuphumelela. UMongameli George Q. Cannon (1827–1901), Isekela LokuQala KwisiMongameli SeCawa, wakhe wathi, “Sonke isiseko esililitye esibekwayo ekwakhiweni kweTempile, kwaye yonke iTempile egqityiweyo . . . icutha amandla kaSathana emhlabeni, kwaye inyusa amandla kaThixo kunye noBuThixo.”[1]

Xa kengoko itempile nganye isandisa impembelelo yobulungisa emhlabeni, ezona ntsikelelo zinkulu kakhulu, ngokwenyaniso, ziza kwabo abahambela itempile. Apho samkela ukukhanya okwangezelekileyo kunye nolwazi kwaye senze iminqophiso enzulu ukuba, iyalandelwa, iyasinceda ukuba sihambe endleleni yabalandeli. Ngokufutshane, itempile isifundisa ngenjongo engcwalisekileyo yobomi kwaye iyasinceda ukuba sifumane imithwalo yethu yokwenene yomzimba wenyama nowomoya.

Itempile Asiyihambeli thina qha sodwa, kodwa. Ngexesha nganye xa singena kwezizakhiwo zingcwalisekileyo, sidlala indima kokungcwalisekileyo, umsebenzi okhululayo wentsindiso eyenziwe ukuba ibekho kubo bonke abantwana bakaThixo ngenxa yeziphumo zeNtlawulo Yakhe kuphela lowo ongokaBawo. Le yiyo yodwa inkonzo yokuzinikela ngokupheleleyo nengcwele kwaye enye esivumelayo thina njengabantu abasemhlabeni eli xesha ukuba sithabathe inxaxheba kumsebenzi onozuko wokuba ngaBasindisi eNtabeni iZayoni.

Kwabo bangakwaziyo ukuya etempileni nokuba kungenxa yesiphi na isizathu, Ndiyanikhuthaza ukuba

nenze konke okusemandleni enu ukuba nibambe isivumelo esifanelekileyo sokungena etempileni. Imvume yokungena etempileni luphawu lokholo lwethu kunye nokuzimisela kwethu ukukhonza iNkosi. Luphawu lothando lwethu lweNkosi, njengokuba uYesu wafundisa, "Lowo onemithetho yam, kwaye oyigcinayo, nguye lowo ondithandayo: kwaye lowo ondithandayo uyakuthandwa nguBawo wam, kwaye Nam ndiyakumthanda, kwaye Ndiyakuziveza kuye" (Yohane 14:21).

Njengokuba umbono wehlabathi uqhubekeka ukubamhle ngenxa yezizakhiwo ezingcwalisekileyo ezinikelwe eNkosini, ngumthandazo wam ukuba siyakukwenza indawo yethu ekuziseni izulu kufutshane nomhlaba ngokuba sifaneleke ukubanayo imvume yukungena itempile kwaye siyisebenzise. Njengokuba sisenza njalo, ubulungisa ngokuqinisekileyo buyakwanda hayi nje ebomini bethu kwaye nasezindlwini zethu kodwa nakwindawo esihlala kuzo nakwi lizwe lonke.

IZIKHUMBUZO

1. George Q. Cannon, in "The Logan Temple," *Millennial Star,* Nov. 12, 1877, 743.

UKUFUNDISA NGALOMYALEZO

Abantu abaninzi bafunda bhetele kwaye bayakhumbula ithuba elide xa ufundisa ngemifanekiso kuna xa uthetha nje qha (bona*Teaching, No Greater Call* [1999], 182). Ngelixesha lesisifundo, cinga ngokubonisa ngokuxhoma umfanekiso wetempile. Emva kokufunda elicwecwe, xoxani ngokuba kutheni na itempile ibalulekile kuMongameli Uchtdorf. Mema abantwana abancinane esatsheni ukuba bazobe umfanekiso osapho lwabo lusetempileni.

Teaching, No Greater Call states, "Encourage those you teach to set one or more goals that can help them live the principle you have taught – Khuthaza abo ubafundisayo ukuba bazibekele iinjongo enye okanye ezingaphaya ezinokubanceda ukuba baphile lomgaqo owufundisileyo" (159). Cinga ngokufunda umyalezo kaMongameli Uchtdorf kunye nosapho kwaye umeme amalungu osapho ukuba abhale phantsi injongo yabo bodwa eyakubanceda ukuba bahlale befanelekile ukubanayo nokuyisebenzisa imvume yokungena itempile.

ULUTSHA

Umbono Obonelwa KwiBala EliPhezulu

Ngu Mindy Raye Holmes

Ngoku ndandiseselutsheni ndandinamathuba amaninzi okuba ndibhaptizele abangasekhoyo eTempileni yase San Diego eCarlifonia. Nangona Ndandinoluvo olulungileyo, uhambo olunye oluthile lolona lukhethekileyo emcamangweni wam.

Ndandineminyaka elishumi elinesithandathu, kwaye udade wam wayesandula ukuba neminyaka elishumi elinesibini kwaye wayeqala ukuya ukuthatha uhambo ayokubhaptizela abangasekhoyo. Ngenxa yokuba yayilixesha lakhe lokuqala, sagqiba ukuba sihambe sizula zule ngaphandle kwetempile emva kokuba sigqibile.

Amabala etempile ngaphandle anendawo ezimbalwa zokubukwa kwicala elinye, ngako ke oko sahamba saya apho. Ngokuba iTempile yaseSan Diego ifumaneka kufutshane nendlela exakekileyo ephezulu yemoto, xa usima kwindawo yokujonga ngaphandle, ujonga phantsi endleleni exakekileyo yemoto.

Ukuma ebaleni eliphezulu letempile ngaloo mini landinika indlela entsha yokubona ubomi. Ndandijonge phantsi ehlabathini kunye neemoto zalo ezingxolayo, elineendawo zokuthenga ezigcwele kakhulu zizihlwele zabantu, kwaye neempawu zobugcisa ezizotywe kwimpawu zeendlela zeemoto.

Kwakungoko ingcinga yafika kum engqondweni yam: "Akufuni ukuba yinxenye yalanto; ayonto ubomi obungayo." Okokoko ndafundiswa ukuba injongo yobomi kukuba sibuyele siyokuphila noBawo wethu waseZulwini kwaye sibe nje ngaye. Ndandiyazi ukuba andizisweli izinto zomhlaba ukuze ndifeze loo njongo.

Ndaphendukela etempileni kwaye ndajonga itempile entle, kwaye ndandinimbulelo ngolwazi lwevangeli kunye nendlela yokujonga izinto endiphe yona mna. Ndandiyazi ukuba phakathi kwelizwe elisisibhadubhadu kunye nelingcatshayo, Ndandifumene umhlaba wokuba ndime kuwo.

Ngaloo mini etempileni ndathembisa uBawo wam waseZulwini ukuba ndiyakusoloko Ndisima ecaleni

Kwakhe hayi elehlabathi. Nokuba ihlabathi lisigibisela ngantoni na, singayoyisa ngokuba sigcine iminqophiso esiyenzileyo kwaye nangokuma kwindawo ezingcwele (bona Imfundiso neminqophiso 87:8).

ABANTWANA

Ukwenza Ilizwe ukuba libe Lihle Kakhulu

Umongameli Uchtdorf wathi xa itempile isakhiwa, yongeza amandla kaThixo emhlabeni kwaye yenza ihlabathi libe yindawo entle kakhulu. Oku kulandelayo ngezinye zentsikelelo ezintle itempile ezinika abantu. Njengokuba uphila ngokufanelekileyo ukuba uye etempileni ngenye imini, intsikelelo nganye kwezi ingaba yeyakho!

Indawo yothando nobuhle

Ubhaptizo lwabantu abangazange babhaptizwe ngoku babephila

Umtshato obakhona unaphakade

Abantwana bayamanyaniswa batywinwe nabazali unaphakade

Indawo yokufunda ngoBawo waseZulwini kunye noYesu Krestu

Obufanelekileyo, nobuthobelayo ubomi

© 2010 yi Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/09. Isivumelo Sokuguqula: 6/09. Inguqulelo ka *First Presidency Message, 2010*. Xhosa. 09368 774

Yongeza uKholo kunye noBulungisa Bakho

Funda lo myalezo, kwaye ngokufanelekileyo uxoxe ngawo kunye noodade obandwendwelayo. Sebenzisa lemibuzo ukukunceda womeleze oodade bakho kwaye nokukwenza Umbutho wooMama usebenze kwindawo yawo ebomini bakho.

Ukholo • Usapho • Inkonzo

Kuphuma kwizibhalo ezingcwele:

Izaya 2:2–3; Imfundiso neMinqophiso 109:22–23; 110:8–10

Umsebenzi Wethu Wokuba Sifanele uNkqulo lweTempile

"Iminqophiso esiyenzayo ehamba nemimiselo esiyamkelayo etempileni iye ibe bubungqina beemfanelo zethu zokungena ebukhweni bukaThixo. Leminqophiso iyasinyusa isinyusele ngaphaya kwemida yamandla ethu kunye nokubona kwethu. Senza iminqophiso ukubonakalisa ukuzinikela kwethu ekwakhweni ikumkani. Siye sibe ngabantu bomnqophiso njengokuba sibekwa phantsi komnqophiso noThixo. Zonke iintsikelelo esizithenjisiweyo zezethu ngokokholo lwethu kuleminqophiso. . . .

"Ingaba oomama BeCawa bangenza ntoni ukuthabathela kubo iintsikelelo zetempile?

"Ngabaprofeti Bakhe, iNkosi imema abo abangakazamkeli iintsikelelo zetempile ukuba benze lonto ibalulekileyo ukuba bafanele ukuzamkela. Umema abo abasele bezifumene ezi ntsikelelo ukuba babuyele kanga maxesha amaninzi apho kwenzekayo ukuba bayokonwabela kwakhona loo mava, ukongeza umbono wabo kunye nokuqonda kwabo icebo Lakhe lanaphakade.

"Masikufanele ukuba nesivumelo esifanelekileyo esisebenzayo sokungena etempileni. Masiye etempileni siyokumanyanisa sitywine iintsapho zethu ngonaphakade. Masibuyele etempileni kangangoko iimeko zethu zisivumela. Masinike abantakwethu abangasekhoyo ithuba lokwamkela imimiselo yoobuqhaqhawuli buka Thixo. Masonwabele ukomelela komoya nokutyhilelwa esikwamkelayo xa sisiya etempileni rhoqo." Masibe nokholo kwaue senze kwaye sigcine iminqophiso yasetempileni ukuze samkele iintsikelelo eziphelelelyo zeNtlawulo."[1]

Silvia H. Allred, isekela lokuqala kwisimongameli sajikelele soMbutho wooMama.

Kuphuma Embalini Yethu

UMongameli Gordon B. Hinckley (1910–2008) wafundisa ukuba Umbutho wooMama ukhula ngenxa yolangazelelo loodade lokuba bankqule etempileni:

"Ngelixesha kwakusakhiwa iTempile yaseKirtland oomama babizwa ukuba bacubhe ipleyiti zabo zexabiso zeglasi ukuze zibe ngamaqhekeza amancinci axutywa neplasta esetyenziswa emadongeni etempile, eyayizaku bamba ukukhanya kwelanga kunye nokwenyanga kwaye kubonakalise oko kukhanya ukuhombisa imbonakalo yesakhiwo esiyitempile.

"Ngaloo maxesha, ngoku kwakukho imali encinci kodwa ukholo lona lwalukho lululuninzi kakhulu, abakhi banikela ngamandla abo kunye nezixhobo zabo ekwakhiweni kwendlu yeNkosi. Oomama banikela ngokutya, okona kumnandi ababekwazi ukulungisa. Edward W. Tullidge wanika ingxelo ethi ngelixesha oomama ababethunga ngalo izigqumathelo zetepile, uJoseph Smith, ebaqwalasele bona, wathi, 'Kuhle ke, bodade ukuba nisoloko nisisandla. Oodade basoloko bengabokuqala kwaye bephambili kakhulu kuyo yonke imisebezi elungileyo. UMariya wayengowokuqala kuvuko; kwaye oodade ngoku ngabokuqala ukusebenza ngaphakathi etempileni.' . . .

"Kwakhona eNavoo, xa itempile yayiphantsi kolwakhiwo, oomama abambalwa badibana kunye

benzela abakhi ihempe. Sisiphumo sezimeko esadala ukuba abangamashumi amabini badibana ngoLwesine, 17 Matshi 1842, kwigumbi eliphezulu elugcinweni likaMprofeti."[2] Waqala njalo ke Umbutho wooMama.

IZIKHUMBUZO

1. Silvia H. Allred, "Holy Temples, Sacred Covenants," *Liahona,* Nov. 2008, 113, 114.
2. Gordon B. Hinckley, "Ambitious to Do Good," *Ensign,* Mar. 1992, 2.

© 2010 yi Mveliso yeNgqondo Ekhuselweyo, Ikhampani. Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/09. Isivumelo Sokuguqula: 6/09. Inguqulelo ka *First Presidency Message, August 2010.* Xhosa. 09368 774

Singenza Ntoni?

1. Ngeyiphi inkxaso endinganikela ngayo ukunceda oodade ukuba balungiselele kwaye ukuba baye etempileni?

2. Ndingaba ngumzekelo njani welifa loodade bakuqala abanikelayo ukuze bafumane iintsikelelo zetempile?

3. Ndingazithathela njani iintsikelelo zetempile?

Ukufumana olunye ulwazi, iya ku www.reliefsociety.lds.org.